| ICandelo leKharityhulam yeGET | | | ISICWANGCISO SOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| **Isifundo** | **IsiXhosa uLwimi lwaseKhaya** | **Kota** | **1** |
| **Ibanga** | **5** | **Iveki** | **1** |
| **Ingcebiso** | • Yenza uvavanyo lokuhlola nokwenziwa komsebenzi ngendlela engaqingqwanga, noqhelaniso ngomgangatho ngeentsuku ezintathu zokuqala kwikota kwiVeki yoku-1 (ngeentsuku zoku-1 ukuya kwezi-3).<br>• Idatha ke leyo inokusetyenziselwa ukuqaphela izikhewu ekufundeni.<br>• Information Olu lwazi lungasetyenziselwa ukwazisa ngemisebenzi elandelayo yokufundisa nokufunda. | | |
| **IQHAGAMSHELWE KWISICWANGCISO SOKUFUNDISA NOKUHLOLA** | • Ukumamela ibali<br>• Ukufunda kwebali ukuchongwa<br>• Abafundi baza kuhlalutya ibali bejonge imiba ethile<br>• Abafundi bazakwenza izibizo amahlelo kunye nezimaphambili. | | |
| **IZAKHONO** | • **Umxholo:**<br>• Isicatshulwa sokumamela esiphuma kwibali<br>• Abafundi bazakuqhelaniswa nohlalutyo lwabalinganiswa kunye nesakhiwo sebali | | |
| **UKUDIBANISA** | • Abafundi mabafunde yonke imihla . | | |
| **Oovimba lincwadi:**<br>Incwadi yomfundi<br>Incwadi yokufunda<br>Incwadi yokusebenzela yeDBE | | **Oovimba abafumaneka nge-intanethi:**<br>**Snapplify**<br>https://wcedeportal.co.za/curriculum-supporthttps://wcedeportal.co.za/partners/#103031 | |
| **IMISEBENZI KATITSHALA** | **IZAKHONO**<br>**(Ndiza kufundisa ntoni/isikhokhelo/inkxaso)** | **lindlela zokufundisa/ uyenza njani**<br>**(Ndiza kuyititsha njani/isikhokhelo/inkxaso…)** | **Oovimba**<br>**(Ndiza kusebenzisa ntoni ukufundisa/isikhokhelo/inkxaso)** |
| | UkuPhulaphula nokuThetha:<br><br>**IBALI** | • Nika abafundi umfanekiso baqikelele abaza kumamela.Qalani nixoxe ngomfanekiso lowo ukwazi ukuba banalo na ulwazi ngento abaza kuphulaphula yona.<br>• Emva kokuxoxa ngomfanekiso, abafundi mabalungiselele ukumamela.<br>• Utitshala makafunde kathathu ngokucotha nangokucacileyo Abafundi mabangabinayo itekisi phambi kwabo, mabamamele.<br>• Abafundi mabaphendule imibuzo emva koko. | **Snapplify**<br>https://wcedeportal.co.za/curriculum-supporthttps://wcedeportal.co.za/partners/#103031<br>Masikhanyise ibanga 5<br>Ukhanyo ibanga 5 |
| | UkuFunda nokuBukela: | • Phambi kokufunda: Abafundi mabaqikelela okuzakwenzeka kwibali besebenzisa isihloko kunye nomfanekiso. | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | | • Makukrwaqulwe kukhangelwe isigama esitsha. Xoxani ngesigama esitsha.<br>• Funda ibali ukuze abafundi bave indlela ekufundwa ngayo. Xa ufunda okwesibini utitshala makafunde nabafundi becaciselana, utitshala makamane ebuza imibuzo. Mabaphendule imibuzo emva kokufunda. | |
| | UkuBhala nokuNikezela: | • Umfundi makazibhalele elakhe ibali ejonge kwizihloko azinikiweyo ezimalunga nebali. | |
| | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi: | Izibizo, izimaphambili, amahlelo | |
| **IMISEBENZI YABAZALI** | UkuPhulaphula nokuThetha:<br><br>**IBALI** | • Nika umntwana umfanekiso aqikelele aza kumamela.Qalani nixoxe ngomfanekiso lowo ukwazi ukuba unalo na ulwazi ngento aza kuphulaphula yona.<br>• Emva kokuxoxa ngomfanekiso, umntwana makalungiselele ukumamela.<br>• Umzali makafunde kathathu ngoucotha nangokucacileyo. Umntwana makangabinayo itekisi phambi kwakhe makamamele.<br>• Umntwana makaphendule imibuzo emva koko. | Magazines<br>Iphephandaba<br>Isichazi magama |
| | UkuFunda nokuBukela: | • Phambi kokufunda: Umfundi makaqikelela okuzakwenzeka kwibali elisukai. besebenzisa isihloko kunye nomfanekiso.<br>• Makukrwaqulwe kukhangelwe isigama esitsha. Xoxani ngesigama esitsha.<br>• Funda ibali ukuze abafundi bave indlela ekufundwa ngayo. Xa ufunda okwesibini umzali makafunde nomntwana bacaciselana, umzali makamane ebuza imibuzo. Mabaphendule imibuzo emva kokufunda. | |
| | UkuBhala nokuNikezela: | • Umfundi makazibhalele elakhe ibali ejonge kwizihloko azinikiweyo ezimalunga nebali. | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi: | Izibizo, izimaphambili kunye namahlelo. | |
| **IMISEBENZI YABAFUNDI** | . **Ukuphulaphula nokuthetha**<br>• Ukumamela isicatshulwa isicatshulwa esiphuma kwibali aze aphendule imibuzo<br>2. **Ukufunda nokubukela**<br>• Umfundi makaqikelele esebenzisa umfanekiso nesihloko.<br>• Makakhangele amagama angawaziyo.<br>• Makamamele efundelwe amane engenelela ephendula nemibuzo.<br>• Makafunde kunye notitshala okanye nomzali/ nabani onokwazi ukumncedisa.<br>• Makaphendule imibuzo emalunga nebali alifundileyo.<br>3.**Ukubhala nokunikezela**<br>• Ukuhlalutya ibali phantsi kwezihloko azinikiweyo<br>4. **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:**<br>• Izibizo, izimaphambili kunye namahlelo. | | |

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**

**Phambi kokuPhulaphula**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukuqashela ukuba ibali oza kulimamela liza kuthetha ngantoni. Xoxa nomzali wakho okanye notitshala ngalo mfanekiso uwubonayo, chaza amava wakho onawo ngalo mfanekiso. **(isicatshulwa sokumamela sikwiphepha lokugqibela)**



Emva kokuphulaphula, phendula le mibuzo ingezantsi

1.1 Lithetha ngantoni eli bali?

……

……

1.2 Chaza abalinganiswa ababini obafumana kweli bali

……

……

1.3 Yayesesiphi isizathu esasibangela ukuba uMnu. Nciniba afune ukufukama ngokwakhe amaqanda ebusuku?

.....

.....

1.4 Ucinga ukuba uMnu. Nciniba yayindoda elungileyo? Xhasa impendulo yakho

.....

.....

1.5 Yayintoni eyayicaphukisa uMnu Nciniba ngomfazi wakhe?

.....

.....

1.6 Chaza indlela ezimbini ezohlukeneyo ezabangela ukuba ezi zintaka zimbini zizibone sele zineentamo ezinde

.....

.....

.....

**UKUFUNDA NOKUBUKELA: IBALI**

Phambi kokufunda ibali jonga umfanekiso kunye nesihloko uqikelele ukuba ibali oza kulifunda liza kuba ngantoni? Dibanisa le mifanekiso mibini uqikelele ngayo.

**ISUPHU YEXHEGOKAZI**

Kudala-dala kwakukho ixhegokazi elalithengisa eyona suphu ibalaseleyo emarikeni yaselalini. Yisuphu emnandi, eshushu yenkukhu. Akukho mntu owayelazi igama leli xhegokazi. Akukho mntu wayelazi ukuba lalihlala phi. Akukho nomntu owayesazi ukuba kwakutheni yayinencasa kangako isuphu yakhe nokuthi kwakutheni yayiba shushu kangako. Babengazicingi nokuzicinga ezi zinto. Babethenga isuphu batye kuphela. Qho kusasa, eli ixhegokazi lalisiya emarikeni. Lalisoloko lithwala imbiza enkulu emnyama ezele yisuphu yenkukhu entloko lize lihlale nayo phantsi komthi emthunzini. Kungekudala lilapho, beliza kuba seliyithengise yaphela isuphu.

Emva koko beliqhinela imali yalo elaphini, liyifake epokothweni, lithwale imbiza yalo engenanto entloko, landule ukuhamba

Kwakukho inkwenkwe eyayibizwa ngokuba nguFezile eyayihlala elalini kufuphi nemarike. Yayithanda le suphu yenkukhu kakhulu. Enyanisweni, yayiyithanda kangangokuba yayingeneli yiyo. Yafuna ukwazi ukuba ingaba eli xhegokazi elalisenza isuphu emnandi kangaka lalivela phi. Ngenye imini ixhegokazi lathwala imbiza yalo entloko laze lemka emarikeni, uFezile walilandela. Wayehamba ngokuqaphela emana ezifihla ngezithunzi, emva kwemithi namatyholo, ukuze lingamboni. Walilandela umgama omde, omde ohla ngendlela ephumayo elalini iphinde inyuke iqhina. Wayesaqabela phezulu, phezulu, phezulu xa ilanga litshona. Wayesoyika uFezile kodwa waqhuba ngokuhamba.

Ekugqibeleni ixhegokazi lafika endlwini encinane phezulu endulini eseqhineni. Labeka imbiza phantsi phambi kwendlu. UFezile walinda ukuba ixhegokazi lide lingene endlwini lize livale umnyango. Wachwechwa wasondela ukuze akrobe phakathi embizeni. Ngephanyazo, uFezile weva sekuvuleka umnyango. Wakhawuleza wazifihla apho wayeza kulibona lula ixhegokazi. Lahamba laya embizeni laqala lacula:

"Mbiza emangalisayo, mbiza emangalisayo
Ndenzele isuphu, ibe shushu, shushu, shushu.
Yenza isuphu yenkukhu. Yenza isuphu yenkukhu.
Yenza isuphu ukuze ndithengise nokuthi abantu bathenge.
Owu mbiza emangalisayo, owu mbiza emangalisayo!"

Kwangoko imbiza yazala yisuphu yenkukhu! Kwakuphuma umphunga embizeni enkulu emnyama kanti nevumba layo lalimnandi kakhulu wade waziva elambile uFezile. Lakuba libuyele endlwini ixhegokazi, uFezile wachwechwela embizeni enkulu. Wakroba ngaphantsi kwayo. Nangona imbiza yayizele ntli yisuphu eshushu yenkuku, kwakungekho mlilo uvutha phantsi kwayo. "Kufuneka ndifumane intwana yale suphu," wathetha yedwa uFezile. "Ndilambe kakhulu!" Wolula isandla sakhe waze wasifaka embizeni ukuze athathe iqhekeza lenkukhu. Ngephanyazo laphuma endlwini ixhegokazi laza lambhaqa uFezile esasifake embizeni isandla sakhe. "OWU! Owu! Owu!" lakhala. "HAYI! HAYI! HAYI!" Wajika uFezile wabaleka ngamendu kangangoko wayenakho. Ixhegokazi lamleqa, lingxola, kodwa zange likwazi ukumbamba.

UFezile wabaleka, wabaleka wade ekugqibeleni, wafika ekhuselekile ekhaya. Waxelela umama notata wakhe ngako konke malunga nexhegokazi nangembiza yalo emangalisayo. Bonke baphuma phandle baphakamisela amehlo abo endulini, baze bawubona umphunga owawunyuka usiya phezulu esibhakabhakeni. "Ewe," batsho abazali bakaFezile, "jongani phaya. Siyawubona umphunga ophuma embizeni emangalisayo." Zange liphinde libuyele emarikeni ixhegokazi futhi akukho mntu owakhe waya endulini eseqhineni ukuya kulityelela. Wonke umntu wayesoyika kakhulu. Kodwa ukususela ngoko, xa kukho umntu waselalini obona amafu ajikeleze najinga phezu kwenduli, kwakusithiwa, "Jongani! Jongani phaya phezulu! Ngumphunga ophuma embizeni emangalisayo yexhegokazi." **(Nal'ibali iphephandaba)**

Emva kokufunda phendula lemibuzo ilandelayo

2.1 Ingaba eli bali liqhubeka phi? Nika iindawo ezimbini

.....

2.2 Uthini umxholo weli bali?

.....

2.3 Nika amagama abalinganiswa abasebalini

……

2.4 Umlinganiswa onguFezile ulilandele igama lakhe? Xhasa impendulo yakho ngokunika ubungqina obuthatha ebalini

……..

……

2.5 Nika izinto ezintathu abantu ababengazibuzi ngayo ngayo ngale suphu yeli xhegwazana

……..

……..

……..

2.6 Ucinga ukuba kwakutheni ixhegokazi lingaphindi liyokuthengisa emalikeni?

……..

……..

**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**

Phinda ufunde ibali lexhegwazana kwakhona. Emva kokufunda ibali khupha oku okulandelayo:

| | |
|---|---|
| Bhala isihloko sebali uchaze kananjalo ukuba singena kweli bali | |
| Liqhubeka phi ibali? Gqaba-gqaba ngesimo sentlalo, unika ubungqina benkcazelo yakho usebenzisa ibali. | |
| Isishwankathelo sebali | |

**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI:**

IZIBIZO

Isibizo ligama lomntu, lento kunye nelendawo. Umzekelo uNomsa utya ukutya. IDelft iyathandwa ngabantu abaninzi. Igama eligqanyiswe mthubi ligama lomntu, eligqanyiswe mfusa lelento ze eligqanyiswe luhlaza ibe lelendawo.

**Kungawe**

Khetha ke ngoku izibizo ozibonayo kulo mhlathana. Chaza ukuba isibizo eso ligama lomntu,lento okanye lendawo na. Dwelisa ngolu hlobo:

| Igama lomntu | Igama lento | Igama lendawo |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |

Ootitshala yabakhathaza kakhulu into yokungezi kwalo mntwana esikolweni kuba babembona ukuba unayo ingqondo futhi uyathembisa. Bathi bakuva isizathu bacela oonontlalontle ukuba bakhe bayokuvela kwelo khaya. Eneneni wafika imeko ingentlanga. Wazama ukumnika uncedo ngokuthi ashiye umntu oza kumana esiya kumonga umama ngelixa unyana esesikolweni. Ilokishi yonke yayivuyela. UNdleko naye wavuya kakhulu watsho wakwazi ukudlala ibhola.

**Izimaphambili**

Isimaphambili sisakhi sokuqala esifumaneka kwisibizo. Senziwa liceba kunye nesisekelo ngolu hlobo. Isiqu senziwa yingcambu kunye nesigqibelo.

**Kungawe**

Kwezi zibizo zilandelayo, yakha isimaphambili kune nesiqu

| Isibizo | Isimaphambili | Isiqu |
|---|---|---|
| Isifundo | | |
| Umlambo | | |
| Ukutya | | |
| Amafutha | | |
| Izinja | | |
| Abelungu | | |
| Izono | | |

## Indlela eyayifumana ngayo inciniba intamo yayo ende

UMnumzana Nciniba wayenobubele, elungile kwaye wayemthanda kakhulu uNkosikazi Nciniba. Wayesoloko emncedisa kuyo yonke into ayenzayo.Ngenye imini, uNkosikazi Nciniba wazalela amaqanda asixhenxe kwindlwana yakhe eyayikwisigingqana esasisemhlabeni. Wavuthulula iintsiba zakhe waze wahlala kumaqanda akhe ukuze awafukame. Kwaqengqeleka iintsuku ezininzi ehleli apho, efukame loo maqanda. "Nkosikazi Nciniba endimthandayo," kwatsho umyeni wakhe ngobubele ngenye injikalanga, "ziqengqelekile noko iintsuku ufukame la maqanda ethu. Iintsiba zam zimnyama njengobusuku. Ngoko ke, soze kubekho nabani na ondibonayo ebusuku, kungoko ke ndicebisa ukuba khe kufukame mna ebusuku. Ndiza kukugcinela la maqanda eshushu. Ngoku uza kukhe nawe ube nexesha lokuzihoya. Ungazonwabisa ubusuku bonke kude kuphume ilanga langomso."

Kodwa njengokuba ngoku yayinguMnumzana Nciniba owayefukama ebusuku, kwabakho into enye emkhathazayo. Umfazi wakhe wasuka wonwaba kakhulu apho edlelweni. Wayejikeleza, edanisa, kubhabhe zintsiba zakhe, kwaye kwakukhangeleka ngathi akayedwa kolu lonwabo lwakhe."Ingaba wenza ntoni ke ngoku?" yabhadula njalo ingqondo kaMnumzana Nciniba. Akafanelanga kujikeleza edanisa ngoluya hlobo. Ungumama ngoku kwaye unamaqanda ekufuneka ewafukamile. Kodwa njengotata olungileyo washukumisa nje umzimba wakhe, wogquma kakuhle loo maqanda ukuze awafukame. Wahlala apho ke ezolile, elindile kobo busuku bude, lo gama umfazi wakhe owonwabileyo, edlala edlelweni.Ngobunye ubusuku, inyanga eyayikhanya yenza kwakho izithunzi edlelweni. Ezi zithunzi zakhangeleka ngathi ziyadanisa. Amehlo akhe ayeqalisa ukuvaleka ukuva kwakhe intsini yomfazi wakhe, ehleka. Wavuka wathi qwa kwangaloo mzuzu akuva eso siqhazolo. Waphakamisa amehlo.

Watsala loo ntanyana yakhe imfutshane kangangoko anakho waze wambona umfazi wakhe. UNkosikazi Nciniba wayedanisa engceni apho, phakathi kwamatyholo, edlala undize nenye inciniba eyindoda esencinane nenomtsalane. Xa ezimele ngetyholo, wayetsala loo ntamo yakhe kangangoko anakho ukuqinisekisa ukuba umyeni wakhe usahleli phezu kwamaqanda.UMnumzana Nciniba wayenomsindo kakhulu. Wayemane esiva umfazi wakhe egigitheka. Wayemane ebona izithunzi ezidanisa edlelweni phantsi kokukhanya kwenyanga. Qho xa ebona isithunzi, wayetsala loo ntamo yakhe kangangoko anakho. Kodwa wayephelele ekwenzeni oko kuba kwakufuneka efukamile, egcine amaqanda eshushu.

Ekugqibeleni, obo busuku bude bade bafikelela esiphelweni, lavela ilanga. Ukuvela kwalo, uMnumzana Nciniba wambona umfazi wakhe ebuya, eze kufukama imini yonke. Wazama ukuphakama, kodwa wayengakwazi kuba umzimba wakhe wawugogene. Izihlunu zentamo yakhe zaziqaqamba.Ekugqibeleni wade waphakama. Wathi xa aza kuxelela umfazi wakhe indlela anomsindo ngayo, wasuka wabona into eyothusayo xa ajonga phantsi ezinyaweni zakhe. Iinyawo zakhe zazikhangeleka zikude kakhulu kunentloko yakhe. Ngoko nangoko, wayiqonda mhlophe into eyenzekileyo – ngobo busuku bude wayolula, wayitsala kakhulu gqitha intamo yakhe.

Wayishukumisa intloko yakhe. Wangqisha, kodwa kuyo yonke into awayeyenza, intamo yakhe yahlala inde injalo. Kwakungekho nanye into anokuyenza ukuze kutshintshe loo meko. Umfazi wakhe yena? Tyhini, naye wayenale ntamo inde! Naye wazama ukushukushukumisa intloko yakhe engqisha, kodwa zange kuncede oko. Wayeyolule yatsaleka intamo yakhe ngokuyaa ebefuna ukubona ukuba ingaba umyeni wakhe usahleli emaqandeni kusini na! Nako ke okwenzekayo ukuze uMnumzana noNkosikazi Nciniba babeneentamo ezinde! Yiyo loo nto ukususela ngobo busuku kude kube namhlanje zonke iinciniba ozibonayo zineentamo ezinde nazo. **(Nal'ibali iphephandaba)**